Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

JULAYI 2016

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UHLAHLO-LWABIWO-MALI LUKA-2016/17 LISHWANKATHELWE

Ingeniso iYonke

Izigidi ezingama-R993
Zinyuke nge-10.9 %.
Oku kunyuka kubangelwe kukunyuka kwesibonelelo sezimali esiquka isabelo ezivela kurhulumente ka-zwelonke esongezekileyo sezigidi ezi-8,3 kunye nezi-mali zezakhiwo zangaphezu komhlaba zezindlu ezikwisixa-mali sezigidi ezi R43.7.

Inkcitho iYonke

R1,073 yebhiliyoni
Inyuke nge-8,4 %.
Intsalela yezigidi ezingama-R79,8 ephakathi kwengeniso nenkcitho yenziwa zizinto ezingeyomali, kuzo eyona inkulu kukwehla kwamaxabiso empahla. Kodwa ke, nje ukuba amanye amajelo ezimali abalwe ngokufanelekileyo, njengokuhlawulwa kwethu imali-mboleko yangaphandle, iOverstrand iya kuba nentshiyekela yezimali.

IIRHAFU

Iintlawulo zePropati

Zinyuke nge-7,2% kwipropati yendawo yokuhlala nezoshishino kwakunye neziza ezingaphuhliswanga

Umbane

Umrhumo wombane osisiseko unyuke nge-17,5% lindleko zosetyenziso ngokokunyuka kokuseben-zisa umbane ziya kunyuka phakathi 1- 7,64% umyinge.

Amanzi

Yimizi yabahlwempuzekileyo kuphela eyakufumana i-6kℓ yokuqala mahala. i-11,5% yokunyuka iya kufakelwa kusetyenziso lwamanzi olumalunga ne-0 - 6 kℓ ngenyanga.

Ugutyulo

Lunyuke nge-6%.

Ukuthuthwa kweNkukuma

Lunyuke nge-6%.

Uhlahlo-lwabiwo-mali olungundoqo

Izigidi ze-R88,4 Yehle nge-14,5% Oku kucuthwa kungenxa yokufumaneka kwemithombo yezimali namanyathelo okonga iindleko eOverstrand. Isixa-mali se-100 lezigidi ziyafuneka nyaka nonyaka ukugcina izakhiwo nezixhobo ezingundoqo zisebenza.

IBHASIKITHI YENYANGA YERHAFU - UMZI OMNYE KU-2016/17

IBHASIKITHI YENYANGA YERHAFU - UMZI OMNYE KU-2016/17

Usetyenziso oliphezulu lombane lweemitha ezihlawulelwa kwangaphambili Uvavanyo: R3 500 000	Unyaka 2015/16	Unyaka 2016/17	Ukunyusa/Ukwehla Isixa-mali	%
Intlawulo	1016,6	1089,80	73,20	7,20
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1+SE8A**	477,41	505,95	28,54	5,98
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	137,99	146,99	8,27	6,00
Amanzi 50 kℓ	906,19	961,68	55,48	6,12
iVAT	218,86	231,78	12,92	5,90
INXENYE IYONKE	**2 798,74**	**2 977,16**	**178,42**	**6,38**
Initha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 1500kWh	2 429,52	2 613,41	183,89	7,57
iVAT	304,13	365,41	25,74	7,57
IYONKE	**5 568,39**	**5 956,45**	**388,05**	**6,97**
i-HPP ukuba iyasebenza	*101,66*	*108,97952*	*7,31952*	*7,2*

IBHASIKITHI YENYANGA YERHAFU - UMZI OMNYE KU-2016/17

Usetyenziso kuqoqosho oluphantsi (ubuhlwempu) Uvavanyo: R100 000	Unyaka 2015/16	Unyaka 2016/17	Ukunyusa/Ukwehla Isixa-mali	%
Intlawulo	14,73	15,79	1,06	7,20
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1**	0,00	0,00	0,00	0,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	0,00	0,00	0,00	0,00
Amanzi 10 kℓ	36,48	38,64	2,16	5,92
iVAT	5,84	5,84	0,00	0,00
INXENYE IYONKE	**98,75**	**101,97**	**3,22**	**3,26**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 350kWh	149,18	150,67	1,49	1,00
iVAT	20,89	21,09	0,21	1,00
IYONKE	**268,82**	**273,74**	**4,92**	**1,83**

IBHASIKITHI YENYANGA YERHAFU - UMZI OMNYE KU-2016/17

Usetyenziso oluphakathi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Uvavanyo: R25 000 00	Unyaka 2015/16	Unyaka 2016/17	Ukunyusa/Ukwehla Isixa-mali	%
Intlawulo	721,93	773,91	51,98	7,20
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1+SE8A**	287,01	304,18	17,17	5,98
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	137,99	146,26	8,27	6,00
Amanzi 25 kℓ	343,02	364,75	21,74	6,34
iVAT	113,36	119,96	6,61	5,83
INXENYE IYONKE	**1 645,00**	**1 750,76**	**105,76**	**6,43**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 800kWh	1 246,55	1 340,06	93,51	7,50
iVAT	174,52	187,61	13,09	7,50
IYONKE	**3 066,07**	**3 278,43**	**212,36**	**6,93**
i-HPP ukuba iyasebenza	*72,19*	*77,39*	*5,20*	*7,20*

IBHASIKITHI YENYANGA

Ushishino - luphakathi (isigaba - zintathu) Uvavanyo: R3 200 000	Unyaka 2015/16	Unyaka 2016/17	Ukunyusa/Ukwehla Isixa-mali	%
Intlawulo	1 786,67	1 915,31	128,64	7,20
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7D1+SE8A 1**	488,29	517,48	29,20	5,98
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki 3**	413,96	438,78	24,82	6,00
Amanzi 40 kℓ	686,06	736,64	50,58	7,37
iVAT	228,20	242,84	14,64	6,42
INXENYE IYONKE	**3 644,87**	**3 892,75**	**247,88**	**6,80**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili7000kWh	10 344,97	11 015,54	670,57	6,48
iVAT	1 448,30	1 542,18	93,88	6,48
IYONKE	**15 438,13**	**16 450,47**	**1 012,33**	**6,56**
i-HPP ukuba iyasebenza	*178,67*	*191,53*	*12,86*	*7,20*

IBHASIKITHI YENYANGA YERHAFU - UMZI OMNYE KU-2016/17

Usetyenziso oluphantsi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Uvavanyo: R1 000 000	Unyaka 2015/16	Unyaka 2016/17	Ukunyusa/Ukwehla Isixa-mali	%
Intlawulo	279,93	300,09	20,16	7,20
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu: **SE7A1+SE8A**	210,85	223,47	12,62	5,99
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma **1x ngeveki**	137,99	146,26	8,27	6,00
Amanzi 15 kℓ	212,18	226,08	13,91	6,55
iVAT	84,38	89,25	4,87	5,77
INXENYE IYONKE	**967,02**	**1 026,84**	**59,83**	**6,19**
Imitha yombane ehlawulelwa kwangaphambili 600kWh	908,56	976,24	67,69	7,45
iVAT	127,20	136,67	9,48	7,45
IYONKE	**2 002,78**	**2 139,76**	**136,99**	**6,84**
i-HPP ukuba iyasebenza	*27,99*	*30,01*	*2,02*	*7,20*

IBHASITHI YENYANGA YERHAFU - ISIZA ESINGOKHIWANGA KU-2016/17

Umyinge wovavanyo Uvavanyo: R250,000		Unyaka 2015/16	Unyaka 2016/17	Ukunyusa/Ukwehla Isixa-mali	%
Intlawulo		126,04	135,12	9,08	7.20
Ugutyulo olungathungelwa	Fumaneka	116,23	123,20	6,97	6,00
Inkukuma	Fumaneka	68,98	73,12	4,14	6,00
Umbane	Fumaneka	216,83	254,78	37,95	17,50
Amanzi	Fumaneka	108,42	114,93	6,51	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo		41,70	41,70	0,00	0,00
iVAT		77,30	85,08	7,78	10,06
IYONKE		**755,50**	**827,93**	**72,42**	**9,59**
i-HPP ukuba iyasebenza		*12,60*	*13,51*	*0,91*	*7,20*

UKUZIMELA NGOKWEZIMALI KUQINISEKISIWE

- amahlandinyuka kwezoqoqosho asekho ke kodwa

EBESANDLALA UHLAHLO-LWABIWO-MALI LUKA-2016/2017 UKUZE LUPHUNYEZWE NGOWAMA-25 KUMEYI 2016, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uqinisekisile kwakhona ukuba iOverstrand iluqhube ngobuchule ulawulo olunentatho-nxaxheba lorhulumente wengingqi ngokuthi afikelele kuhlahlo-lwabiwo-mali ne-IDP ephendliweyo nezingasayi kuqinisekisa nje kuphela isimo esihle sezimali kwixesha elide, kodwa ziya kubonelela ngokufunwa ngabahlali. Le mvakalelo ibikwavakaliswe kwakule nyanga nguDes van Rooyen ongumPhathiswa woLawulo ngoBambiswano nemiCimbi yeMveli, nothe wancoma iOverstrand ngokusebenzisa ngempumelelo umfuziselo wentatho-nxaxheba kwiiwadi khona ukuze kuqiniswe intatho-nxaxheba yoluntu.

Intatho-nxaxheba yoluntu enesakheko ngemibandela engeniswe kuphendlo lwesine nelokugqibela lwesiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo (esifinyezwa njenge-IDP) saseOverstrand kwaye, njengomphumela othe ngqo, uhlahlo-lwabiwo-mali lwango-2016/17 lwaqala kusengoFebruwari xa iBhunga ladibana neOMAF (Overstrand's municipal advisory forum). Ngasekupheleni konyaka ophelileyo, umasipala waye watyelela zonke iiwadi khona ukuze wabelane ngempumelelo ngokumayelana nokufezekiswa kwe-IDP ka-2012/17 ukuza kuthi ga ngoku. Oku kwalandelwa kwinyanga kaEpreli 2016 yimiboniso ecacisa ngokuza kulungelelaniswa kwi-IDP kunye nohlahlo-lwabiwo-mali lwango-2016/17 olungqinelanayo.

Iziphumo zale nkqubo zingqinwa yinyaniso yokuba iBhunga lithe lasebenza ngokuthe nkqi nangokuqhubekekayo **ekufezekiseni imbono yalo, ekukuba liziko eligqwesileyo labo bonke abasebenzisi-nkonzo**. Ngamafutshane, wonke amaqela ayavuma ukuba zombini imbono kunye neenjongo zezicwangcisoqhinga ezihlanu zikamasipala kumele ukuba zihlale zingaguquki kwaye uhlahlo-lwabiwo-mali kumele ukuba lumiselwe ngokungqinelana nezo njongo ezibekwe phambili kuphendlo lwe-IDP lwesine nelokugqibela. [Funda ngoHlahlo-lwabiwo-mali kunye ne-IDP zingqinelana kwalapha kwesi sigidimi.]

Ebhekisa kwimibandela yezoqoqosho ephangaleleyo esisiseko sohlalo-lwabiwo-mali kwango-2016/17, uBotha-Guthrie uphinde ebekutshiwo yiRhuluneli yeBanki enguVimba yoMzantsi Afrika kwingxelo eya kumaphephandaba ekuqaleni kukaMeyi. Uye wathi nangona unyuko lwamaxabiso ngokwendleko zokuphila kuthe kwathomalala ukusuka ngoFebruwari, le meko kulindeleke ukuba ibe yimeko yexeshana: "umyinge wonyuso lwamaxabiso ngenxa yokwanda kwemali xa kuthelekiswa iminyaka njengoko ulinganiswe ngokwesalathiso samaxabiso abathengi (esifinyezwe njenge-CPI) kwimimandla yasezidolophini ithe yathomalala emva kokufikelela kwiqondo eliphezulu le-7,0% ngoFebruwari. NgoMatshi nangoEpreli, unyuko lwamaxabiso ngokwe-CPI lulinganiselwa kwi-6,3% kunye ne-6,2%." Ukongeza koko, ukukhula koqoqosho lwangaphakathi kuyaqhubeka kudanisa kwaye ngokweRhuluneli, iimpawu zithi ukuvuseleleka kumaqondo aphantsi oqoqosho kuza kucotha.

Ecacisa umfanekiso omfiliba ozotywe yiRhuluneli, uSodolophu wongeze ngelokuba iOverstrand ijongene nokudideka kokuba **njengowona masipala ukhula ngokukhawuleza kwisithili seOverberg**, kumele ihambise iinkonzo eziyimfuneko ekhulayo ngawo wonke amaxesha. Kodwa ke, ukukhula koqoqosho ngokucothayo kuthetha ukucutheka kwengeniso, ngakumbi kwimeko yezibonelelo, kodwa abahlali abathwele ubunzima kusamele ukuba bamelane nokunyuka kwamafutha enqwelo nokutya nokumele kungahambelani nokunyuka kweentlawulo neerhafu zikamasipala.

"Ngexesha sigqibezela iirhafu zethu zeenkonzo zikamasipala ezingundoqo kwakunye nezinye iirhafu," utshilo, **"ebekujoliswe kuko ibe kukuzimela okuqhubekekayo ngokwezimali.** Kumele siqinisekise ukuba umasipala uya kubanakho ukugcina utyalo-mali olubonakalayo kwizakhiwo nezixhobo kunye nokubonelela ngeenkonzo kuluntu lwawo olukhula ngokungxama. Oku, ke kodwa, kumele ukuba kulinganiswe ngeemeko zezimali zabahlali bethu kuqwalaselwa ukuba inxalenye enkulu apha ngabantu abadla umhlalaphantsi kunye nabantu abanemivuzo evela kwinzala yoko bathe bakonga ebomini babo."

Ukongeza koko, ngaphandle kweentlawulo zepropati kunye neentlawulo zombane, **ukunyuswa kubonelelo lweenkonzo zabasebenzisi-nkonzo kumiselwe kwi-6% nengaphantsi komyinge wokwanda kwemali kwangoku.** Iintlawulo zeepropati ziza kunyuka nge-7,2%. [Jonga isihloko 'IsiShwankathelo zoHlahlo-lwabiwo-mali {kwiphepha elikwelinye icala} kwakwesi sigidimi.]

"Ngelishwa," uphawule watsho uSodolophu, "iNERSA ithe yanika uEskom ilungelo lokunyusa iintlawulo zakhe ngokudlulileyo kumyinge wokwanda kwemali ngokuya kubanefuthe elimbi kwakhona kubasebenzisi-nkonzo." Intlawulo esisiseko yombane inyuka nge-17,5%. Kodwa ukumelana noku, intlawulo yokusetyenziswa kwee-350kWh yokuqala kuza kunyuswa nge-1% ngenyanga. Kungako oko, xa sithabathela ingqalelo yokunyuka kwentlawulo esisiseko kudityaniswa neendleko ze-350 kWh zokuqala, **kunyuka kweendleko zombane kumiselwe kwi-7,34%**, nengaphantsi kancinane kwi-7.64% evunyiweyo.[Khangela kwisihloko "Ziza kuthetha ntoni iirhafu zika-2016/17 kwipokotho yakho" kwalapha kwesi sigidimi.]

Ukushwankathela ifuthe lilonke lohlahlo-lwabiwo-mali luka-2016/17, uSodolophu ucacise ukuba "kukwanda kwemali okuqikelelwa kumyinge we-6,7% ngo-2016, iOverstrand ithe yakwazi ukuthintela ifuthe lokunyuka kweerhafu lilonke, ngaphandle kombane, liza kuba yi-6,43% kwindleko zomzi (2,66% kwimizi yabahlwempuzekileyo), nelingaphantsi kokwanda kwemali okuqikelelwayo". Ukongeza koku, uthe uhlahlo-lwabiwo-mali luka-2016/2017 luza kubonelela ngaphaya kwemizi engama-7100 ukuba ibhaliswe njengehlwempuzekileyo, nokuyakuthi bonke babe nolungelo lokufumana iinkonzo ezindoqo zamahala.

Eqhubeka ngentetho elungileyo, wongeze ngelithi uhlalutyo loRhulumente waseNtshona Kapa lohlahlo-lwabiwo-mali elingundoqo nolo lusetyenziswayo lufumene ukuba ukulawulwa **kohlahlo-lwabiwo-mali** lwamanzi, umbane, amanzi amadaka kunye nenkukuma **kungqinelana nezidingo zeenkonzo ezingundoqo zexesha langoku nezexesha elizayo**. Kwale ngxelo inye iqinisekisa ukuba umasipala uza kubanakho ukumelana nomsebenzi wawo wexeshana elifutshane kwaye **umyinge wokuzimela ngokuqhubekekayo ungaphezu kwalowo ulindelekileyo ngokukaNondyebo kaZwelonke oli-100%**, nengumphumelela ogxininiswe luvavanyo lwezimali oluzimeleyo olusandula ukuhlaziywa nokuthe lwagqiba ekubeni iOverstrand ithe yabonakalisa ukubanakho ukwenza ingeniso ngaphandle kwezithinteli zokwehla kokukhula koqoqosho kunye nokunyuka kwentswela-ngqesho kulo mmandla.

Kwintetho elumkisayo, ulumkise ngelithi kwa olu vavanyo luzimeleyo lunye luphawula ukuba **iOverstrand kuza kufuneka ukuba inyuse inkcitho engundoqo kwixa elizayo** ukuba ifuna ukuthintela ukonakala kwempahla nezixhobo. Ngaphezu koko, nanjengoko umasipala exhomekeke kakhulu kwingeniso yokuthengiswa kweenkonzo ngaphezu kweentlawulo kwaye nokubona ukuba oorhulumente bengingqi abanalulawulo lwamaxabiso ombane, iOverstrand iza kube icetyiswe ngokwaneleyo ukuba ilungise lo yine ngenjongo yokukhusela ingeniso yayo.

Ukuqukumbela, uSodolophu uthe iOverstrand inelunda ngokufezekisa **iwonga lophicothozincwadi zemali elicocekileyo iminyaka emithathu ilandelelana** kunye nophumelela njengoyena masipala wengingqi onemveliso kubo bonke eMzantsi Afrika, kwakunye nokuba kwiqondo **lesixhenxe phakathi komasipala boMzantsi abalishumi abaphambili.** "Ngokucacileyo, le mpumelelo luphawu lokuzinikela kwabasebenzi bethu kunye nolawulo ukunyusa uhanjiso lweenkonzo kunye nenjongo yokunonophela iinkonzo neenkqubo zikamasipala zikwinqanaba eliphezulu," utshilo.

Uthe wabulela uluntu lwaseOverstrand kunye nabadlala-ndima ngenkxaso yabo nentatho-nxaxheba kuphendlo lwe-IDP kunye neenkqubo zohlahlo-lwabiwo-mali kwakunye noSihlalo wezeziMali, uCeba IGAMA NEFANI, umphathi kamasipala kunye nabo bonke abalawuli ngokuzibophelela, ukuzinikela kunye nenkxaso ngethuba lenkqubo yokwakha uhlahlo-lwabiwo-mali.

Uhlahlo-lwabiwo-mali luka-201/17 loMasipala waseOverstrand kunye nophendlo lwe-IDP lwamkelwe kukho impikiswano.

IIPROJEKTHI EZINGUNDOQO EZINKULU ZIKA-2016/17

- izixhobo nezakhiwo zisencotsheni kuluhlu, kukho nokuphuculwa kwezixhobo nezakhiwo okuzayo

Kuhlahlo-lwabiwo-mali luka-2016/17, iOverstrand ifumane isixa-mali sezigidi ezingama-R88.4 khona ukuze iphuhlise okanye iphucule izixhobo nezakhiwo ezinkulu, nezidla ngokubizwa ngeprojekthi ezingundoqo ezinkulu. Iiprojekthi ezili-10 eziza kuqhutywa kulo nyaka-mali, zihambelana ngemithombo yezimali kwiprojekthi nganye, zingashwankathelwa ngolu hlobo:

Inkcazelo ngeprojekthi		umThobo wezimali	ZIKA-2016/17		
	iWadi		Izimali zethu	Izimali ezivela ngaphandle	IYONKE
Ukuphuculwa kwemibhobho eFranskraal-Kleinbaai -Gansbaai	01	EL7	8,400 000		8,400 000
Ukuvuselelwa kwendlela yepavumente esele ikho (LIC) isigaba sesi-2	05	MIG		7,000 000	7,000 000
Ukuphuculwa kwezitishi zokumpompa amanzi	Overstrand	EL7	5,588,072		5,588,072
Ukufakelwa kombane kwizindlu ezixabiso liphantsi	04,05,06	INEP		5,000,000	5,000,000
Ukwandiswa kothungelwano lohanjiso lwelindle eStanford	11	EL7	4,411 928		4,411,928
Mandela Square/ Garden Site	06	PROV-H		4,308,419	4,308,419
Ukuvuselela/ ukufakela ngokutsha kothungelwano kwe-MV/LV eHermanus	03	EL7	4,000,000		4,000,000
Uvimba wmanzi omtsha oyi-1 mℓ/s OHW.B31	04	EL7/MIG	500,000	3,110,000	3,610,000
Ukuphuculwa kweziko lokucoca amanzi eStanford	11	ACIP		3,500,000	3,500,000
i-CCTV, i-SCADA, isitishi sombane esinciane kunye nokuphuculwa kothungelwano lwe-MV/LV eGansbaai	02	EL7	3,000,000		3,000,000

Izimali ezifunyenwe kuhlahlo-lwabiwo-mali lwezinto ezingundoqo lwango-2016/17 lungaphantsi nge-14,5% xa kuthelekiswa nohlahlo-lwabiwo-mali olulungelelanisiweyo lwango-2015/16. Ukongeza koko, nangona kunjalo kuqikelelwa kwizigidi ezili-R100 ngonyaka izimali ezifunekayo ukuze kugcinwe zisebenza izakhiwo nezixhobo ezingundoqo, kodwa inkqubo yezimali efakwayo iza kunyuka ukuya kwi-R94,2 ne-R107,3 yezigidi ngokulandelelanayo kule minyaka mithathu izayo. Oku kucuthwa kungabhekiswa kwimithombo yangaphandle embalwa efumanekayo yokubonelela ngezimali kweeprojekthi ezingundoqo kwakunye nokucuthwa kwezethu izimali (ukuboleka) njengenxalenye yamanyathelo okuthintela ukugqithisa kweendleko ezenziwa yiOverstrand. Ngenxa yoko, ngama-36% ohlahlo-lwabiwo-mali olungundoqo aya kubonelelwa ngezimali kubolekwa kule MTREF, ngelixa intsalela iya kubonelelwa ngezimali ezivela kwimithombo yangaphakathi (3%) kunye nezibonelelo ezingundoqo (61%).

IBHUNGA LIZA KUTHABATHA IKHEFU

Unyulo loomasipala luza kuqhutywa ngowe-3 kuAgasti 2016. IBhunga lika-Masipala, ngaphandle kweNtlanganiso yeBhunga eKhethekileyo yango-Lwesithathu, 27 kuJulayi 2016, liza kuthabatha ikhefu de kube kubhengeziwe iziphumo zonyulo yiKhomishoni yoNyulo.

IBhunga elonyulwe ngokutsha, ukuba konke kuqhubeka ngokwezicwangciso, liza kumiselwa ngokusemthethweni kwiNtlanganiso yeBhunga eKhethekileyo ngowe-12 Agasti 2016.

INtlanganiso yeBhunga yokuqala eqhelekileyo yeBhunga elonyulwe ngokutsha iza kwenzeka ngoLwesithathu wama-31 Agasti 2016.

Ikhefu alisayi kuba nafuthe ngokwamagatya omthetho ngokumalunga neentlanganiso zeBhunga. Ngelixa lekhefu, imibandela ekhawule-zileyo iya kujongwa nguSodolophu ngokwesiGqeba soLawulo ebambisene nomPhathi kaMasipala - ngaphandle kwalo mibandela ibekwe ngokukhethekileyo ngumthetho ukuba ifezekiswe liBhunga.

- *Amalungu amatsha eeKomiti zeeWadi aya konyulwa phakathi kwe-15 ukuya kwi-18 kaAgasti 2016.*

UHLAHLO-LWABIWO-MALI NE-IDP ZIYAHAMBELANA

Uhlahlo-lwabiwo-mali sisicwangciso sezimali zikamasipala kwaye sichaza ukuba yimali engakanani eza kuya kufezekiso lweenjongo zezicwangciso-qhinga ezidandalaziswe kwisiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo (IDP). I-IDP sisicwangciso sophuhliso seBhunga kwaye siphendlwa minyaka le. I-IDP ephendliweyo sika-2016/17 saphunyezwa liBhunga ngowama-25 kuMeyi 2016 kwaye simele uphendlo lwesine nelokugqibela kwisicwangciso seminyaka emihlanu.

Xa sikwenza lula konke oku, i-IDP ixelela uhlahlo-lwabiwo-mali, kwaye ezi grafu zimbini zingezantsi zibonakalisa ukuba luza kuchithwa njani uhlahlo-lwabiwo-mali olusetyenziswayo nolo lungundoqo luka-2016/17 ukuze kufezekiswe iinjongo zesicwacngciso-nkqubo ezintlanu ezidandalaziswe kwi-IDP ka-2016/17 ephendliweyo.

Ulwabelo kuhlahlo-mali olungundoqo luka 2016/17 ngokwenjongo yesicwangciso-qhinga se IDP



Uninzi (62,3%) lohlahlo-mali olungundoqo luza kuchithwa kwinjongo yesi-2 ye-IDP: ukubonelelwa nokunonotshelwa kweenkonzo zikamasipala. Ulwabelo lwesibini olukhulu lohlahlo-mali luya kwinjongo yasi-5: ukukhuthazwa kokuphuhliswa kokhenketho, intlalo noqoqosho, lumele ama-31,9% ohlahlo-mali olungundoqo lulonke.

Ulwabelo kuhlahlo-mali olusetyenziswayo luka-2016/17 ngokwenjongo yesicwangciso-qhinga se-IDP



INGABA UNGATHANDA UKUSEBENZISA NGOKUTSHA OKUSETYENZISIWEYO KODWA AWUQINISEKANGA UKUBA UNGENZA NTONI KWAYE NJANI?

- nazi ezinye zeempendulo kwimibuzo yakho

Xa silandelisa inqaku ebelikwisigidimi sikaMeyi se-Bulletin, sibe nothotho lwemibuzo evela kubahlali abangathanda kusetyenziswe ngokutsha izinto eziyinkukuma ebesele bezisetyenziswe kwimizi yabo, kodwa abaqinisekisanga ukuba zintoni ezingafaneleka ukuba zibe zingasetyenziswa ngokutsha kwaye bangazisebenzisa njani.

Njani? Ngumbuzo olucacileyo: iOverstrand ibonelela ngeebhegi zeplastiki ezingenambala nalapho izinto eziyinkukuma ezingasetyenziswa kwakhona zingafakwa khona. Ofanele nje ukwenze kukubeka iibhegi ezingenambala ecaleni kwendlela ngosuku apho umasipala aqokelela ngalo inkukuma kummandla wakho.

Zintoni? Nawo ngumbuzo olula ngaphezu kokuba ucinga: inkukuma yasekhaya engasetyenziswa kwakhona ihlelwa phantsi kwenye yezi ntlelo zine: iphepha/ikhadibhodi, iglasi, iplastiki okanye itoti eyenziwe ngentsimbi /ialuminiyamu.

Apha ngezantsi ungafumana uluhlu olukwithebhuli oludwelisa izinto eziqhelekileyo ezingahlelwa phantsi kolunye lwezintlu ezingalahlwa kuzo ngokukhuselekileyo zifakwa kwiibhegi zeplastiki ezingenambala khona ukuze thina sizithumele apho zingasetyenziswa ngokutsha khona:

iphepha/ikhadibhodi
Amaphephandaba, iimagazini, amaphepha nabakhadibhodi aseofisini, izinto ezincinane ezenziwe ngekhadibhodi ezinjengeebhokisi eziqulathe intlama yokuhlamba amazinyo, ipapa zesindlo sakusasa okanye iipilisi okanye eziqulathe amaqanda.

iglasi
Iibhotile, iikhonteyina okanye izitya ezenziwe ngeglasi. Nceda uqaphele ukuba izinto ezinkulu ezenziwe ngeglasi eyomelezwe ngeplastiki kumele ukuba zilahlwe kwinxiwa lokulahla inkukuma yezakhiwo.

iplastiki
Iikhonteyina zesisekelo esibandayo, amanzi kunye nobisi; iikhonteyina eziqulathe izinto ezinjengeoyile yokupheka, izinto zokucoca endlwini, iibhegi zokufaka impahla ethengiweyo; iyogathi kunye neekhonteyina zeayisikrimu; iplastiki zokurephisha

litoti
Iitoti zesiselo nokutya; iitoti zezipreyi zeenwele nesifakwa-khwapheni, iitoti eziqulathe izinto zokucoca endlwini. Nceda uqaphele ukuba iitoti zevanishi, ipeyinti okanye isikhululi kuqina kumele zilahlwe kumanxiwa okulahla inkukuma yezakhiwo.

*Qaphela: kusenzima ukusebenzisa ngokutsha ipolystyrene ngendleko eziphantsi. Enkosi kakhulu ngokufuna ukuba negalelo kwindalo esingqongileyo ecocekileyo nephilileyo!

Abantu abadala kunye nabo banezidingo ezikhethekileyo ngabokuqala ukuzuza kunikezelo lwamakhaya amatsha agqityiweyo eHermanus

Umzuzi onezidingo ezikhethekileyo uClara Mouries (67) ephahlwe ngumPhathiswa wezeNtlalo yoLuntu eNtshona Kapa, uBonginkosi Madikizela, ekunxele kunye noSodolophu waseOverstrand uNicolette Botha-Guthrie, (ekunene) xa ebenikwa izitshixo zekhaya lakhe elitsha. Obebukele nguSekela-sodolophu waseOverstrand, uRudolf Smith (owesibini ekunxele), kunye noSihlalo weKomiti kwimiCimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso kwiPalamante yePhondo yaseNtshona Kapa, uRodney Lentit.

Bonke abo bathe bafaka isandla ekuqinisekiseni ukuba inxiwa elikwiMount Pleasant neNdlela iStormdam leprojekthi yokwakhiwa kwezindlu lifezekiswe kwangexesha kungadlulwanga kuhlahlo-lwabiwo-mali lwalo, banelungelo lokuzingomba isifuba ngomsebenzi omhle abawenzileyo.

Ngenxa yokuba, ngelixa kunikezelwa izitshixo zekhaya elitsha, obebonakala enyembezana uClara Mouries obudala bungama-67 uphawule wenjenje: "Imithandazo yam ithe yaphendulwa." UClara, ongumzuzi ngokwezidingo ezikhethekileyo, wahlaselwa sistrowukhi kwaye ngaphandle nje kokufumana indlu entle angayibiza ikhaya lakhe, uza kukwazi ukufikelela kwiindawo zonke lula endlwini yakhe ngenxa yokufakelwa kwezixhobo ezikhethekileyo kwigumbu langasese lakhe.

Uluvo lwakhe lungqinwe sisibini esitshatileyo - uJim Robertson obudala bungama-68 eminyaka kunye nowakwakhe uSebina obudala bungama-73 - nababengakholelwa ukuba bangaze babe nophahla olululo phezu kweentloko zabo kwaye babe nendlu abathi yeyabo ngokunyanisekileyo.

Kwabanye, ukulinda kube yinto ende neyintlungu: uMaria noDaniel Alexander bebekuluhlu lwabo bangabonelelwa ngezindlu kangangexesha elimalunga namashumi amabini eminyaka. Nangona kunjalo, ukucaphula esi sibini, ngoku "sizingazimela" kwaye babonelele abantwana babo "ngekamva elingcono nelikhuselekileyo".

Xa ebenizeka izitshixo kwiqela labanini-makhaya amatsha abazingcayo ngowama-24 kuMeyi 2016, uBonginkosi Madikizela - umphathiswa lwentlalo yoluntu eNtshona Kapa uphawule wathi izindlu ezibonelelwa ngenkxaso karhulumente zijolise kwabo bazidingayo. "Abo bebekuluhlu lokubonelelwa ngezindlu iminyaka emininzi, abantu abadala nabo bantu bazidingo zikhethekileyo - mayibe ngabo bantu esithi sigxininise kubo kwiinzame zethu", uhambise watsho.

Kwintetho yakhe, uSodolophu ngokwesiGqeba soLawulo waseOverstrand, uNicolette Botha-Guthrie ubulele uluntu, ooceba, iikomiti zewadi kunye neekomiti zodityaniso loluntu ngenyameko, inkxaso kunye nentembeko: "Ngaphandle kwenu, ngesingakhange sikwazi ukuyifezekisa le projekthi ngohlahlo-lwabiwo-mali lwezigidi ezingama-R37.5 ezimiselweyo ngosuku lokuba igqityiwe lwama-31 kuMatshi 2016. Ukuzibophelela kwenu kungumnqophiso wobudlelwane obusebenzayo nobakhayo obukhoyo phakathi kwamaqela wonke achaphazelekayo aseOverstrand." uqukumbelo ngelo.

SITOMPI SESIGARETHI, YINTONI INGXAKI?

Intshontsho lengabangaba litya isitompi sesigarethi licinga ukuba kukutya

Li-10% kuphela kwihlabathi lonke elilahla izitompi zesigarethi ngendlela evumelekileyo yokusingqongileyo. Nangona zizincinane ngokwesayizi, ukulahla ngokungaqiqiyo izitompi zezigarethi asiyomfeketho nje kuba malunga neetriliyoni ezi-4.5 zazo ziphela zingcolisa imijelo yamanzi kwaye ziya kuphelela elwandle minyaka le.

Nje kwa ezo zitompi zilahlwa kwiindawo zokupaka iimoto, kwiipavumente nakwiigatha ezimgama kakhulu kunxweme ziya kukhukuliswa ziqukuqela ngeedrayini zizikhukula ukuya emilanjeni nalapho zikhuphela ityhefu ekwisitompi esi, iqokelelane ukuya kutsho elwandle. Ezi tyhefu zinobungozi obukhulu kubomi baselwandle, oko kusenzeka ngenxa yokuba iintaka kunye nezilwanyane zaselwandle zizithabatha njengokutya kwaye ziphetha ziziginya zinjalo ezi zitompi.

Nokuba ezi zitompi azikhukuliswanga ukuya elwandle, umxube wetyhefu okuzo uphelela kumhlaba osingqongileyo nalapho isitompi sibola kade - nkqubo leyo yokubola ingathabatha ukuya kutsho kuma-25 eminyaka!

Njengeyona nto ingcolisayo kule planethi, izitompi zezigarethi zidala eyona ngxaki kumanxweme, indledlana ezikwimiwonyo nakwiipavumente kunye neepaki, imimandla yeepikniki kunye neendawo zokupaka. Ngenxa yokuba zincinane kakhulu, abasebenzi bakamasipala bakufumanisa kunzima ukuzitshayela ngokufanelekileyo kwaye ngenxa yokuba zingenabunzima bungako, uthulanyana nje luziphaphathekisa luzisasaze kwindawo le yonke.

Sonke singenza into ukunqanda le ngxaki: Ukuba uyatshaya, qinisekisa ukuba ulahla isitompi sesigarethi sakho kumgqomo okhusele umoya kwaye ukuba awutshayi, khuthaza abahlobo bakho ukuba benze oko. Ukongeza koko, qinisekisa ukuba ugcina ummandla ongqonge ikhaya lakho ukungena nkukuma kwaye faka isandla nangaliphi na ixesha kucocwa umnxweme okanye idolophu yakho.

Kwaye, nceda uqonde ukuba isigarethi esivuthayo esilahlwa ngefestile kwimoto ehambayo singadala imililo yamadobo namadlelo kwaye isigarethi esivuthayo esilahliweyo naso saziwa ngokutshisa amakhaya atshe ngqongqe.

UMBETHI WEFLEYITI NOMDLALI WEPIYANO BAKUTSHO NGODLWABEVU



ULiesl Stoltz

ngu-Albie van Schalkwyk

Ngemva kwemini yangeCawa yama-24 kuJulayi, I-Overstrand Arts/Kunste (OAK) iza kube isindleka amagcisa amabini aziwayo oMzantsi Afrika kwikonsathi. **ULiesl** (umbethi wefleyiti) uya kube ekhatshwa **ngu-Albie van Schalkwyk** kwipiyano.

Ikonsathi iza kuqala nge-15:30 kwiOdithoriyam yoLuntu yaseHermanus. Amatikiti yi-R120 (R60 kubafundi). Bhukisha eBELLINI kwezi nombolo 028 312 4988. Ngemibuzi eyongezekileyo, tsalela unobhalana we-OAK uRené du Plooy kwezi nombolo 082 940 4238.